

Ukuphila Ivangeli



Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:

Roma 8:20–23; Yohane 3:16, 17; Mat. 9:36; Efese 2:8–10; 1 Yohane 3:16, 17; IsiTy. 14:6, 7.

Indima Yenkumbulo:

“Kuba nisindise ngokubabalwa ngalo ukholo; nako oko kungaphumi kuni, kususipho sikaThixo; akuphumi misebenzini, hleze kubekho bani uqhayisayo. Kuba thina singumsebenzi wakhe, sidalelwe kuKristu Yesu, ukuze senze imisebenzi elungileyo, awayilungisayo uThixo ngenxa engaphambili, ukuze sihambe kuyo” (*Efese 2:8–10*).

Ngako nje ukuba sithethe ngemiyalelo kaThixo, akufunayo nakufundisileyo, sisengozini-okanye sikwisihendo-sokucinga ukuba ngandlela ithile oko sikwenzayo kunokusivuzwa okanye kube negalelo kusindiso lwethu okanye, kungenjalo kusenze ukuba sithandwe nguThixo. Yona iBhayibhile isixelela rhoqo ukuba singaboni abasindiswe ngobabalo lukaThixo ngaYe uYesu nokufa kwaKhe kwasemngqamlezweni okumi endaweni yokwethu. Yintoni ebesingayongeza koko thina? Okanye, ngokubhala kukaEllen G. White, “Ukuba ungaqokelela konke okulungileo nokungcwele nokunendili okuthandekayo emntwini uze ukunike iingelosi zikaThixo njengokunegalelo ekusindisweni komphfumlo womntu okanye okuhle, isindululo eso singaliwa njengesilivukelo lolawulo [lwezulu].” —*Faith and Works*, iph. 24. Kungoko ke, nemisebenzi yethu yenceba novelwano ngakwabo banentswelo ifanele ukuba ibonwe njengokugcinwa komthetho ngqongqo. Kwelinye icala, njengoko sikhula ekuluqondeni nasekuluxabiseni kwethu usindiso, uqhagamshelano phakathi kothando lukaThixo nokukhathala kwaKhe ngamahlwempu nabacinezulweyo kuya kudluliselwa kuthi, thina bamkela uthando lwaKhe. Samkele, ngoko siya kupha. Xa siyibona indlela uThixo awasithanda ngayo, nathi siya kuyibona indlela uThixo abathanda ngayo abanye nokuba uyasibiza ukuba sibathande, nathi.

**Sifunde isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaSeptemba 7.*

“Kuba Wenjenje UThixo Ukulithanda. . .”

Yohane 3:16 says, “Kuba wenjenje uThixo ukulithanda ihlabathi . . .”-igama lemvelo lesiGrike ngukosmos elithetha “ilizwe njengento edaliweyo, yaqulunqwa.”—The SDA Bible Commentary, vol. 5, p. 929. Le ndima ingosindiso luluntu, kodwa icebo losindiso lunento yokwenza nayo yonke indalo.

Funda: Roma 8:20–23. Kusifundisa ntoni oku ngobubanzi bemiba ekwicebo losindiso?

Phofu ke, kwelinye izinga, usindiso lungomntu ngamnye kuthi kulwalamano lomntu ngamnye neNkosi. Sekunjalo, kukho okungaphezulu apho. Ukugwetyelwa ngokwenene kungokuba izono zethu zixolelwe. Ngokwendlela eyiyo, kumele ukuba kungendlela uYesu namandla kaMoya Oyingcwele, iNkosi edala ngayo usapho lukaThixo, oluvuyela ukuxolelwa kwabo nesiqinisekiso sosindiso ngokuthi, phakathi kwezinye izinto, lube ngamangqina emhlabeni ngemisebenzi yalo elungileyo.

Funda: Yohane 3:16, 17. Indima ye-17 ikunika njani ukuqonda okubanzi indima ye-16?

Sinako ukwamkela ukuba uThixo uyabathanda abantu ingekuphela nje kwethu. Uyabathanda abo bathandayo, kwaye siyakovuyela oko. Ukwathanda abo siphuma siye kubo, kwaye ukuyamkela kwethu le nyaniso kusoloko kuyinkuthazo yokufikelela kwethu kubo. Kunjalo, ukwathanda abo singonwabi ncam ngabo, okanye eside siboyike. UThixo uthanda bonke abantu, kuyo yonke indawo, kwanabo singabathandi ncam.

Indalo yenye indlela esithi sikubone oku kusenziwa. IBhayibhile yalatha rhoqo kwihlabathi elisijikelezileyo njengesibonakaliso sokulunga kukaThixo: “Ilanga laKhe elenza liphume phezu kwabakhohlakeleyo nabalungileyo; nemvula eyinisa phezu kwabalungisayo nabangalungisiyo” (Mat. 5:45). Nobomi ngokwabo busisipho esivela kuThixo, nokuba umntu usabela njani okanye ingqondo yakhe ithini kuThixo, wonke umntu uyasifumana eso sipho.

Kumele ukuyiguqula njani ingqondo yethu ngakwabanye neemeko zabo into yokuba sibamkela njengabantu abadlalwe nabathandwa nguThixo?

Imfesane Nenguquko

Amabali axubeneyo osindiso nembambano enkulu afuna ukuba siyamkele inyaniso engobomi esisiseko sokuqonda kwethu ihlabathi lethu kunye nathi, oko kukuthi: thina nehlabathi lethu eliwileyo, saphukile, kwaye sinesono. Umhlaba wethu awuyiyo into owadalwa wayiyo, kwaye nangona sisenawo umfanekiselo kaThixo owasidalayo, siyinxalenye yokwaphuka komhlaba. Isono esisebomini bethu siyindalo enye nobubi obenza intlungu enkulu, ingcinezelo, nokuxhatshazwa phezu komhlaba wonke. Ngoko ke, kulungile ukuva ubuhlungu, ukungonwabi, usizi, nentlekele yehlabathi neyemiphefumlo esijikelezileyo. Bekungafuneka sibe zizinto ezingenabomi ukuba singayiva intlungu yobomi apha. Iziqalelo zencwadi yeNdumiso, iintlungu zikaYeremiya nabanye abaprofeti, neenyembezi kunye nemfesane kaYesu ebonisa ukufaneleka kolu hlobo lokusabela kwihlabathi nobubi balo, ngakumbi kwabo bakholisa ukwenziwa buhlungu bobu bubi.

Funda: Mateyu 9:36, 14:14, Luka 19:41, 42, noYohane 11:35. Yintoni ekwezi ndima eyachukumisa uYesu ngemfesane? Singaba nayo njani intliziyo echukunyiswe yathamba yintlungu esijikelezileyo?

Sikwadinga ukuba sikhumbule ukuba isono nobubi azikho nje “phaya kude,” okanye zisisiphumo sokwaphuka komnye umntu: “Ukuba sithi asinasono, siyazikhohlisa, inyaniso ayikho kuthi” (1 Yohane 1:8). Ngokuqonda kwabaprofeti beBhayibhile, isono sasiyintlekele, kungengakuba phambili ngokuba ubani waphule “imigaqo,” kodwa ngenxa yokuba isono saphule ulwalamano phakathi kukaThixo nabantu baKhe, nokuba kungenxa yokuba isono senza buhlungu abanye abantu. Oku kunokwenzeka kancinane okanye ngokubanzi, kodwa ububi bunye. Umona, ukubawa, ukuvimba, intiyo, ubudenge, nokungakhathali konke kusezinganjini zabo bonke ububi obusehlabathini, ukuswela ubulungisa, ubuhlwempu, nocinezelo. Ukuvuma ukuba nesono kwethu linyathelo lokuqala ekulweni nobu bubi, kwaye ilinyathelo lokuqala ekuvumeleni uthando lukaThixo ukuba luthabathe indawo yalo efanelekileyo ezintliziyweni zethu: “Ukuba sithi sizivume izono zethu, uthembekile, ulilungisa, ukuba asixolele zonke izono zethu, asihlambulule kuko konke ukungalungisi” (1 Yohane 1:9).

Khawuzijonge (kodwa ungasondeli kakhulu okanye ixesha elide kakhulu). Zeziphi iindlela owaphuke ngazo noyinxalenye yengxaki enkulu ngazo? Ithini impendulo ekuphela kwayo, iyeyiphi indawo ekuphela kwayo onokujonga kuyo?

Ubabalo Nemisebenzi Emihle

Shwankathela umaEfese 2:8–10 ngamazwi wakho. Zisixelela ntoni ezi ndima ngolwalamano phakathi kobabalo nemisebenzi emihle?

IBhayibhile isixelela ukuba phakathi kwezinye izinto, sasidalelwe ukuba sinqule uThixo size sincede nabanye. Kuphela engqondweni yethu esinokuzama ukukuqonda ukuba ezi zenzo beziya kuba yintoni kwindawo engenasono. Okwangoku, ngenxa yesono, sazi kuphela ilizwe elaphukileyo nelinesono. Ngethamsanqa kuthi, ubabalo lukaThixo, oluxelwe lwenziwa kumbingelelo kaYesu ngenxa yezono zehlabathi, luvule indlela yokuxolelwa nokuphiliswa. Ngoko ke, naphakathi koku kwaphuka ubomi bethu buba ngumsebenzi wezandla zikaThixo ngokupheleleyo, aze uThixo asisebenzise ukuba sibe kunye naYe ekuzameni ukuphilisa nokubuyisela umonakalo nentlungu ebomini babanye (jonga kumaEfese 2:10). “Abo bamkelayo kufuneka badlulisele kwabanye. Kuphuma macala onke izikhalo zonedo. UThixo ubiza abantu ukuba balungiselele ngovuyo kwabanye abantu.” — Ellen G. White, *The Ministry of Healing*, p. 103.

Kwakhona, asiyenzi imisebenzi elungileyo-ukukhathalela amahlwempu, ukondla abalambileyo-ukuze sizuze usindiso okanye sikwazi ukuma phambi kukaThixo. KuKristu, ngokholo, sinako konke ukufaneleka esikudingayo phambi kukaThixo. Endaweni yoko, sizibona singaboni namaxhoba esono athe, sekunjalo, athandwa ahlangulwa nguThixo. Lo gama sisalwa nezihendo zokujonga kuphela iziqu zethu nokubawa, ubabalo oluzincamayo lukaThixo lusinika uhlobo lobomi nothando olubugqulayo ubomi bethu.

Xa sikhangelwa eMnqamlezweni, sibona umbingelelo omkhulu nopheleleyo esiwenzelweyo esibona kakuhle ukuba akukho nto sinokuyongeza koko sikunikiweyo kuKristu. Phofu oku akutsho ukuba akufuneki senze nto ukusabela koko sele sikunikiwe kuKristu. Kwelinye icala, simele sisabele, iyeyiphi indlela engcono yokusabela kuthando olubonakalaliswe kuthi xa ingekuko ukuba nathi silubonakalalise kwabanye?

Funda: 1 Yohane 3:16, 17. Ezi ndima ziyizoba njani ngendlela enamandla kakhulu into ebimele ukuba yiyo impendulo kumnqamlezo?

Ubuntu Bethu Obunye

Ngolungiselelo lwaKhe nemfundiso yaKhe, uYesu wakhuthaza ukubandakanya uwonke-wonke ngendlela enamandla. Bonke ababefuna ukuqwalaselwa ngeenjongo ezinyanisekileyo-nokuba ngabafazi abanamagama amabi, ababuthi berhafu, abaneqhenqa, amaSamariya, abathetheli-khulu bamaRoma, iinkokeli zenkolo, okanye abantwana-wabamkela ngobushushu nenkathalo yenene. Njengoko ibandla lokuqala laliza kufumana ngeendlela ezenza kubekho inguquko, oku kwakuquka isipho sosindiso. Njengoko amakholwa okuqala athi akuqonda ngokucothayo ukuquka konke kwegospile, ayenganeli kuhlanganisa imisebenzi elungileyo kwabanye ekukholweni kwawo njengento “entle” ukuyenza. Yayingumongo wokuyiqonda kwawo igospile, njengoko ayesiva ebomini bawo, ulungiselelo, nokufa kukaYesu. Xa aye bambene ngemiba nemibuzo eyayivela, kuqala kwiinkokeli ngokwazo njengoPawulos noPetros (jonga, umzekelo, kwiZenzo 10:9–20), kamva njengomzimba olibandla kwiqumrhu laseYerusalem (jonga kwiZenzo 15), baqala ukuluqonda utshintsho olungamandla oluziswe ekuluqondeni kwabo uthando lukaThixo nolubandakanya konke nendlela oko ekumele ukuphilwa ngayo ebomini babo bazibiza ngokuba bayamlandela, uThixo.

Indima nganye kwezi isifundisa ntoni ngobunye bobuntu bethu obufanayo? Ingcamango nganye ifanele ukunika impembelelo enjani ngengqondo yethu ngakwabanye abantu?

Mal. 2:10

IZenzo 7:26

Roma 3:23

Gal. 3:28

KwabaseGalati 3:28 sisishwakathelo sokwaziwa ngoThixo kwibali lomSamariya olungileyo. Kunokuba kuxoxwe ngokuba ngobani esinyanzelekileyo ukuba sibancede, masiye sinede, mhlawumbi masilungele ukuncedwa ngabo singalindele ukuba bangasanceda. Isiqalelo esiqhelekileyo sosapho lwezwe lonke sibonwa kwizinga eliphezulu kusapho oluqhelekileyo lwabo baqanyangelwe kunye yigospile, ngothando olusindisayo lukaThixo olusibizela kubunye kunye naYe: “Kuba sonke sabhaptizwa ngaMoya mnye ukuze sibe mzimba mnye – nokuba singamaYuda okanye singamaGrike, amakhoboka okanye abakhululekileyo” (1 Kor. 12:13, NIV).

Iindaba Ezilungileyo Ezingunaphakade

Isimemo esiguqulayo nesibheni seendaba ezilungileyo “kwiintlanga zonke, nezizwe, neelwimi, nabantu” (IsiTy. 14:6) ziqhubeke kuyo yonke imbali yobuKristu. Sekunjalo, isiTyhilelo sichaza ukuvakaliswa ngokutsha kwesi sigidimi-iindaba ezilungileyo ezingoYesu nako konke okuhamba nazo-ekupheleni kwexesha.

Funda: IsiTyhilelo 14:6, 7. Kunjani ukuziqonda iindaba ezilungileyo okuqhelekileyo- okukholisa ukushwankathelwa nguYohane 3:16—kuqukwa isigidimi sengelosi esisodwa kwindima 7?

IsiTyhilelo 14:7 sizisa isiqalelo esisitshixo esele sisiphawule kwesi sifundo singokukhathala kukaThixo ngobubi, ubuhlwempu, nengcinezelo kulo lonke ibali leBhayibhile:

Umgwebo. Isibheni somgwebo, ukuba kwenziwe ubulungisa, siye salubizo oluphindaphindwayo sabo bacinezelweyo kuyo yonke imbali. Ngethamsanqa, iBhayibhile imzoba uThixo enguLowo uzivayo izikhalo zabo bakuxinzelelo. Njengoko zikhohisa ukuvakaliswa kwiiNdumiso, umzekelo, abo abasoloko bephethwe kakubi bawubona umgwebo njengeendaba ezilungileyo.

Unqulo. Imibhalo yabaprofeti bamaHebhere yasoloko ihlanganisa imiba yonqulo nezenzo ezilungileyo, ngakumbi xa kuthelekiswa unqulo lwabo bazibiza ngokuba bangabantu bakaThixo nobugwenxa ababe benzile nabaqhubeka bebenza. KuIsaya 58, umzekelo, uThixo ukubeka ngokuphandle ukuba unqulo alufuna ngamandla zizenzo zobubele nenkathalo ngakwabo bangamahlwempu nabanentswelo (jonga kuIsa. 58:6, 7).

Indalo. Njengoko sibonile, esinye isiqalelo esisiseko sobizo lukaThixo sobulungisa lusapho loluntu oluqhelekileyo, sokuba sonke sidalwe ngokomfanekiselo waKhe kwaye sithandwa nguYe, nokuba sonke sinexabiso emehlweni aKhe nokuba akakho omelwe ukuxhatshazwa okanye acinezelwe ngenxa yenzuzo yentswelo-bulungisa nokubawa komnye. Kubonakala kucacile ukuba oku kuvakalisa kwexesha lokuphela kweendaba ezilungileyo lubizo olubanzi lokufikelela kude lokuba kwamkelwe uhlangulo, ukuthengwa, nokubuyiselwa koluntu oluwileyo okufunwa nguThixo. Kungoko, naphakathi kwemiba engonqulo lwenyaniso nolobuxoki, nentshutshiso (jonga IsiTy. 14:8–12), uThixo uya kuba nabo abantu abaya kuma ngenxa yokulungileyo, ngenxa yemithetho kaThixo nokholo lukaYesu, naphakathi kobona bubu bukhulu kakhulu.

Singazifumana njani iindlela zokulungiselela kwabo banentswelo lo gama sisabelana nabo ngako kokubini, ithemba nesilumkiso esifunyanwa kwizigidimi zeengelosi ezintathu?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, “UTHixo Unathi,” amaph. 19–26, Ulangazelelo Lwamaphakade; “Saved to Serve,” pp. 95–107, in *The Ministry of Healing*. “UTHixo uyawubanga wonke umhlaba njengesidiliya saKhe. Nangona ngoku usezandleni zomthimbi, usengokaThixo. Ngokuhlangula ngokungekho ngaphantsi kokudala, ungowaKhe. Ngenxa yehlabathi, kwancanywa uKristu. ‘UTHixo wenjenje ukulithanda ihlabathi, ude wancama unyana wakhe ekuphela kwamzelelo.’ Yohane 3:16. Kungeso siphosodwa ekuthi zonke ezinye bazinikwe abantu. Yonke imihla, umhlaba ufumana intsikelelo kaThixo. Lonke ithontsi lemvela, wonke umtha welanga owa phezu kohlanga olungenawo umbulelo, lonke igqabi nentyatyambo nesiqhamo, zingqina ngokunyamezela okude kukaThixo nobukhulu bothando lwaKhe.”—Ellen G. White, *Christ’s Object Lessons*, pp. 301, 302. KuKristu akukho mYuda namGrike, ulikhoboka nokhululekileyo. Wonke umntu usondeziwe ngegazi laKhe elinexabiso. (Gal. 3:28; Efese 2:13). “Nokuba uyintoni umahluko ngokwenkolo, ubizo oluvela kuluntu olubulalekayo kufuneka luviwe luphendulwe. . . . “Sijikelezwe ngamahlwempu, abantu abalingekileyo abadinga amazwi ovelwano nezenzo eziluncedo. Kukho abahlolokazi abadinga uvelwano noncedo. Kukho iinkedama athe uKristu wayalela abalandeli baKhe ukuba bazamkele njengezigciniswe kubo nguThixo. Amaxesha amaninzi bonke aba baye badlulwe bangahoywa. Basenokuba badlakadlaka, bakrwada, ngazo zonke iindlela abanantsalane; kanti ke bangabakaThixo. Bathengwa ngexabiso, kwaye banexabiso emehlweni kaThixo njengoko sinjalo nathi. Bangamalungu osapho olukhulu lwendlu kaThixo, aze amaKristu njengamagosa aKhe abe nomthwalo ngabo.”—Ellen G. White, *Christ’s Object Lessons*, pp. 386, 387.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Ekuzameni ukwenza imisebenzi elungileyo nokunceda abanye, singamelana njani nesilingo sokucinga ukuba oku, ngandlela ithile, kusenza abantu abangcono nokusizuzela okuhle okumelwe ukwamkelwa nguThixo?
2. Ingaba ibandla lakho lilusapho apho “kungekho kwahluka,” kodwa bonke banye kuKristu? Lingenza njani ukuba libengaphezulu koko? Libaquka njani abanye ibandla lakho?
3. Sikufumene njani ukuzinza ekwenzeleni okulungileyo abo banentswelo, ukuba asikho esinye isizathu kuneso sokuba badinga ukuba sibancede, lo gama ngelo xesha linye sifikelela kubo ngeenyaniso zeendaba ezilungileyo? Singakufunda njani ukwenza kokubini, kutheni kusoloko kulunge kakhulu ukwenza kokubini?

Isishwankathelo:

Uthando lukaThixo lubonakele kwiwebo losindiso nokuphilwa kobomi nombingelelo kaYesu osinika uxolelo, ubomi, nethemba. Njengabazuba olu babalo, sizama ukwabelana ngoku nabanye, kungengako ukuba sizuze usindiso, kodwa kuba yinto esidalelwe yona. Ngoko ke, ivangeli iyabuguqula ubudlelane isiqhube ukuba sincece ngakumbi abo banentswelo kakhulu.